# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
# *SENIORSERTIFIKAAT-EKSAMEN*

**FEBRUARY / MARCH**
***FEBRUARIE / MAART***

**2007**

**HG**

## ISIXHOSA
## ULWIMI LWENKOBE
## INQANABA ELIPHEZULU

**121-1/1**

Iphepha Lokuqala

ISIXHOSA PRIMARY/FIRST LANG HG: Paper 1

121 1 1 HG

8 pages
*8 bladsye*

COPYRIGHT RESERVED / *KOPIEREG VOORBEHOU*
APPROVED BY UMALUSI / *GOEDGEKEUR DEUR UMALUSI*

**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lokuqala)**

**IXESHA : 2 ½ iiyure**

**AMANQAKU: 100**

---

**QAPHELA**:

- Eli phepha linamacandelo amathathu u-A, B noC.
- Phendula yonke imibuzo.
- Bhala isiXhosa esisulungekileyo.
- Qwalasela amanqaku xa uphendulayo.

---

## ICANDELO A

### UMBUZO 1

1.1 Fundisisa esi sicatshulwa usiqonde, uze uphendule imibuzo ebuziweyo:

**UMFAZI OKHONKOTHAYO**

UXhashiza Xhathotho , inkosana yaseZikhalini zikaRharhabe, wayezeke intombi kaXa emaXesibeni. Umzi wabo wawukwaHleke phaya endibanweni yoMngqesha noNkosiyane ngezo mini.

Eli Xesibekazi yayilolu hlobo lwabafazi kuthiwa zingqalangqakazi ezinentshawuntshawu. Olo ke lolu lumpompo ingavalwayo, ungafika luthe nta imixhadi luyuca indoda, lubhodla izabhongo zamazwi nangentwana engephi. Ibisithi ukuba ikhe nje indoda, ngokucaphuka nayo njengomntu, yamngxolisa, kanti njalo seyimnike ixilongo umfazi. Liya kuse liyeka naloo nto beliyenza iXesibekazi , liphume phandle lakwanela kukuzifundekela ngaphakathi endlwini, lihlanze amazwi amakhulu, aneziqu, amdaka nabolileyo, liyikhwaza yonke loo nkunkuma.

Uhlobo lomntu olunje alunyali ukuthi kanti lubangwa sisigulo salo emva, ebuncinaneni. Iyafuzeka le nto. Xa ngaba ayimfuzo ithi kanti sisandla somondli kungenjalo ibe ziimeko ezimbi aqhunyiselwe zizo umntwana lo ekukhuleni phaya. Oogqirha bakwamlungu baye bakhankanye nobuthathaka bemithambo yengqondo ethile, komnye umntu.

UmTshawe lo wayenguMdikoni kwiTyalike kaRharhabe esekufutshaniswa kusithiwa yiRhabe ngale mihla. Wayeyixabisile ke into yobushumayeli umfo lo kuba iqhalo lakhe lalisithi usekhondweni likayise, owayenguMdala onegama kwaHleke phaya, esaziwa kuzo zonke iziphaluka zemishoni yasePirie ngeentshumayelo zakhe ezihlekisayo phofu zibachane abantu besalibele yintsini. Wayesafika ke nokufika ebuDikonini apho, elingqiyaza ukukhuthala oku, enganqabanga naphaya kwamfundisi uKhandilitye Koti, elinye iTshawe elalingumfundisi kwaHleke apho ngezo mini – into yakwaGwali kaTshiwo emehlo ngathi ngaweKhwange.

Umfundisi uKhandilitye wayehlala edlula kulo mzana uphezu koMngqesha xa avela kuvelela imihlambi yeNkosi kooNomgwadla nakooMpundu phaya. Wayedla ngokuthi eseza ekudeni ngezinye imini aphawule ingxolo yokurhwixana komTshawe neXesibekazi lakowabo. Uhleli ethe nqa ukuba yimfazwe yani na le yasoloko imtshayelela xa eza kulo mzi wakokwabo ungamarhamente akhe. Njengomntu omkhulu ke akabuzanga nto phofu kumwabo lo nangona wayekuhendeka kaninzi kukuyibuza le ngxwabangxwaba.

Ngamanye amaxesha bekuqondakala ngempophoma yomfazi ukuba umDikoni akabuyanga nganeno kwakhe ngomnquma wakowabo obomvu awayesoloko ewuthambisela iimini ezimbi. Mhla abethiweyo ke umfazi ubetyibela ethuka, ashiye angazange asive. Ubesenza isithukuthezi sokukhonkotha phandle, enukuneza umyeni wakhe, ethetha ngathi akaphefumli ukukhawulezisa oku. Ebesithi akwenjenjalo zimqhule izinja zamaHleke, ziphume zonke ezaseMhobeni, kwaNomgwadla kude kuye naseMzintshane, zize kumncedisa, ibe nguloo hawu-hawu umntu nezinja. Bezisithi zakutsho uve nophantsi kwehlathi kwaMpundu esithi, "Uyawakhonkotha umkaXhashiza." Ligeza laseMantakwendeni ekwakusithiwa nguSotyali elathi lona ngenye imini bakutsho abantu bakwaMpundu: "Hayi, bethu, mhlonipheni uMamXesibe ngokuba ngumfazi wakomkhulu. Yithini uyatshayelela umfazi wakomkhulu." Yanda ke loo ntetho kwaHleke phaya kangangokuba bekusekusitshiwo naxa seyizizinja zodwa zisilwa ngezobunja. Yathi khona loo nto yakufika naseSikhinindini phaya , kwawasesikolweni wona amagezazana adlamkileyo yasisimbo nasezintsaneni, kanti nasemaxhegweni.

Kuthe ngenye imini, ekubonakala ukuba nanamhlanje umnqayi waseZikhalini wawukhe wamfika, wesuka uMamXesibe efuthekile ngumsindo waya ebhabha kwaMfundisi uKhandilitye. Uthe engena wabe selethetha : "Umfundisi ukho? Ndifuna ukubonana naye." Kuthe thu umkaMfundisi wathi ngelipholileyo:

"Mholo sisi, Tyhini hlenje nguwe lo uthethayo?"

"Ewe, ndim. Uphi na umfundisi, oyena mntu ndingaye?"

"Yiza ngapha ke sisi." Utsho umfundisikazi enkqonkqoza kwigunjana ebebhalela kulo izinto zakhe uMfundisi, waluvula ucango wamshiya apho kumfundisi.

Engekathethi nokuthetha umfundisi iXesibekazi lingxame lathi kuye:" Igosa lakho lisike, Mfundisi mholo!"

"O! Ewe mfazi wamaTshawe. Mholo, sisi."

"Mholo ,Mfundisi. Ndithi sika ela gosa lakho lingagqobhokanga kunene.!"

"Yintoni sisi wafuna kusikwe indoda yakho?"

"Ndinendoda, ndingenandoda nje? Yindoda into ephikele ukunkulana nalo mntakaMxumbu le mihla? Imand'ekusikweni qha!"

"Asiyondoda yakho yintoni?"

"Sisikhohlakali, sisigebenga esiya!"

"Simnkulelani kodwa lo mntwa'kaMxumbu le mihla?"

"Sakhe sayixela, singasoze siyixele nje?'

"Wena ngokwakho ucing'ba ubethelwani?"

"Uyayazi inikisi le ityiwa ziinkukhu? Nantso ke into endibethelwa yona. Inikisi yakwanikisi umLungu waseTshabho, ndifung'uMxumbu!"

"Phofu umyeni lo wakho ungumntu onomsindo imo le yakhe?"

"Yeka ! Liphimpi! Ungambona engathi umbuna, lihanahanisa elinkone, ndifung'uMxumbu!"

"Unjani kodwa wena, nkosikazi, ukukhathazwa ngumsindo?"
"Xa sendinawo akungethandi, Mfundisi. Ndaziwa ngawo mna kwasebuntwaneni. Noma ondizalayo wayengunomadudwane. Thina siluhlobo lomsindo! Makangagezeli kuthi umshumayeli wakho! Umdikonana wakho!"
"Ngumshumayeli wakho nawe, ngumDikoni nakuwe, yindoda yakho, yinkosi yomzi wakho, nkosikazi."
"O-o-o! Kuba kanene usitsho nje Mfundisi, ngumzalwana wakho, ligosa lakho, unyana wakho ke , mTshawe!" Utsho ekhwaza ke lo mntu.
Ithe nqumama kancinci into yasemaTshaweni, yamthi ntshoo ngaloo mehlo ayo enkomo, ubuso obu buzolile, bunobubele noncunyana olumfilibana . Ivakele inentsa amazwi athi: "Khawume khe ndikubuze into." Walunga ukuhlala umfazi wamaTshawe ngokomntu kanye oza kubuzwa into, kunjalonje iza kumxaka.
"Ukuba ndikunike iyeza lokuthintela umsindo wendoda yakho akukuthi ndiyayidlisa na , ndingumfundisi?" Nantso ke le "nto". Uthe cwaka ithutyana umXesibekazi , eqala ukukhe athule ixesha elingako oko athe wadibana nomfundisi. Umangalisiwe othukile kunjalonje liyeza asuke waphuma kulo umfundisi engamlindele konke kwinkalo yemithi umfo wakwaThixo! Kodwa koko kuthi cwaka kuthe qatha ukuba umfundisi uKhandilitye lo angawazi mhlawumbi amayeza ngokuvunywa ligama lakhe elinendawo yokukhanda ilitye. Ngaphaya koko waba neminyaka eliqela engumfundisi wasezintlangeni zaseNtla. Mhlawumbi wachola ulwazi oluthile apho. Kanti ke kwakhona , mhlawumbi wayenamagqatyana awayewazi asebuTshaweni, okunyanga izikhuhlane zasebuTshaweni geqe.

1.1.1 Xela igama, isiduko nesikhundla somyeni weXesibekazi apha ekuhlaleni. (3)

1.1.2 Zizizathu ezivakalayo ezi zazixabanisa esi sibini? Ewe okanye hayi. (1)
Xhasa impendulo yakho ngokucaphula amazwi angqina oko apha kwisicatshulwa. (2)

1.1.3 Ibiba yintoni imbangi yale ngxabano ede yenze le nkosikazi ikhuphe amazwi abolileyo? (1)

1.1.4 Dwelisa izizathu zibe zine ekudla ngokuthi kanti isimilo esinje ngesalo mfazi sikhokelwe zizo. (4)

1.1.5 Ngokobucawe, umyeni weXesibekazi eli wayenasiphi isikhundla? (1)

1.1.6 Yiyiphi into ebonisa ukuba lo myeni wayesixabisile esi sikhundla sakhe? (1)

1.1.7 Kukho nto yayimmangalisa umfundisi xa asondela kulo mzi kaXhathotho. Yixele. (1)

1.1.8 Yintoni eyayiveza ukuba ngathi ukhe wafikwa ngomnqayi udade lo? (1)

1.1.9 Le ngxolo yalo mfazi yayiyinto eqhelekileyo naselalini apha? Yintoni eyayisenzeka ukungqina oku? (1)

1.1.10 Kwakusithiwani elalini xa ihlonitshwa le meko? (1)

1.1.11 Sisombululo sini acinga ngaso uXesibekazi kule ngxaki akuyo? (1)

1.1.12 Indlela awayenomsindo ngayo yayingathi akanyatheli . Ngawaphi amazwi abhentsisa oku apha kwisicatshulwa? (1)

1.1.13 Zizinto zini ezamangalisa lo mfazi xa ephendulwa ngumfundisi? Xela zibe ntathu. (3)

1.2 Bhala phantsi la mabinzana / magama uze ecaleni kwalo ngalinye unike intsingiselo.

1.2.1 Impompo engavalwayo
1.2.2 Lubhodla izabhongo zamazwi
1.2.3 Ukusika
1.2.4 Amehlo enkomo
1.2.5 Ukudlisa
1.2.6 Ukugqobhoka
1.2.7 Ukunkula
1.2.8 Lihanahanisa elinkone 1X8= (8)

**AMANQAKU ECANDELO A: [30]**

## ICANDELO B
### UMBUZO 2

ISISHWANKATHELO

2.1 Fundisisa esi sicatshulwa singezantsi uyiqonde intsingiselo yaso, uze usishwankathele ngamagama angama-40 ubude.

Makuyiwe ngumntu wonke emyezweni kudwatywe iidiliya. Inkwenkwe elele ubuthongo iyavuswa. Ukuba izilalisile iyayekwa, endle liza kuvuka ityala. Isigwebo sinye, kukuhlanganyelwa ngawo onke, ze kutyholwe inkwenkwe yenye ilali.
Ubusuku bomnqophiso bufikile. ULutho waya kulalela ephethe intonga nemvubu. Uhleli isizungu, ada abonakala amakhwenkwe evela ngasekoyini esiya ngasemyezweni. Uthelekelele ukuba makube ayadwaba ngoku, wankcwayiza ngokukhawuleza ukuya ekoyini, walala kufuphi nomnyango. Bangena bonke baluvala ucango, balala besitya phantsi kweengubo. Nivela phi nonke makwedini, kutsho umfo othe qhiwu imvubu ayame ngocango.
Angqubene ngeentloko amakhwenkwe, atyhalana, ebethana esithi engapha abe engapha. Wanyamezela uLutho ekuwabetheni amakhwenkwe. Kuthe emveni kwethuba akwanela, wawayeka. Uvule nje ucango waphuma ewashiya enkone yimivumbo. Kuthe kanti ilali seyilapha yonke ngenxa yesikhalo esikhulu samakhwenkwe.Kuthe kanti iintanga zala zizile nazo,zathi zakuqonda ukuba uLutho uxakekile zasebezelana zaya kungena emyezweni.Zitsho zatsho zidwaba,zaphuma zagoduka.Zithe xa zithubeleza eluthangweni zabona nabafana belali besiya kuba iidiliya nabo.Nantso into eyenzekayo lo gama uLutho asachazela ilali ngesikhalo esi. Kuthe kanti naba bafana benze iqhinga.Bathethene bengabonwa, bagqiba ekubeni alityaziswe ngemibuzo nangenkwalambisa yovelwano naye uLutho lowo.Kanti abalibazisi aba bayadwatyelwa ngoogxa babo emyezweni phaya.Kwachithakalwa ke.
Umonakalo obonakale kusasa uzixele ngokwawo ukuba awudalwanga ziintwana ezisithoba.Kodwa ke udalwe zizo kuba zizo ezivule ikroba zaza iintshaba zangena ngalo kokwazo.

**Masibaliselane;SM Burns Ncamashe**

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C
## UMBUZO 3

3.1 Funda kwakhona esi sicatshulwa ngocoselelo uze uphendule ngomonde yonke imibuzo ebuziweyo.

> "Kude kwee tyapha ke mntwan'am uyibona ngokwakho njena ukuba mbi kwento owasenza yona nonyoko lona, ngokusuka ugcagce nehilihili esingalaziyo. Washiya ubuhlanti buzele apha likhazi lakho. Oko waya kuloo mzana wakho wamadaka zange sonwabe nonyoko lona, ndiyakuxelela. Seva kwangoko ukuthi uzojile phaya, sayeka ke kuba uthande ngokwakho. Andidlanga nto ngawe mna, Nonga. Undexuthe neenkomo sezisebuhlanti ngobu bunje benu, bantwana esibazeleyo. Kanti umbona nje unyoko lo elapha nje kwadliwa kwancindwa kokwabo, nguyise nabanakwabo. Yiyo loo nto aselapha kuthi nanamhlanje. Wena, ngeminyaka emine wendile, sewudikwe yeyokosa. Ndikhohliwe ke kuba uthi ufudukile. Bendisaza kulobolisa, ndiqale esiswini sakho, ndiye ekhazini. Nguwe ke lo usithi awubuyeli pha."
>
> Gxuphu umkakhe wathi: "Ndingamazi nalapho wayesiya khona lo mntwana kumntu owashiywa ngumfazi kwangeli bali linye."
>
> Uthelele uDlamini ngelithi: "Usadla amazimba umfazi walaa mfana nangoku sithethayo. Uhamba apha kule lali yonke le mihla. Nguye osasaze into yokuba wena uzicingela ukuba wendile, ngoku kwakho." Unethamsanqa wena ungabethwa ngomnqayi. Nifane nenze nani ke bantwanaa esibazeleyo.
>
> **Masibaliselane: S.M.Burns Ncamashe**

Phendula ke ngoku:

3.1.1 Kumhlathi wokuqala zingela iziphawuli ezibini uzibhale,uze uphinde uzisebenzise kwizivakalisi ezizezakho zingafani nezo zikwisicatshulwa. Bhala ngolu hlobo:

| Iziphawuli | Izivakalisi |
|---|---|
| | |
| | |

(4)

3.1.2 Kumhlathi wokuqala kukho isenzi u "seva" okwixesha eladlulayo. Phinda usibhale sibe kula maxesha alandelayo:

- elidlulileyo
- elangoku

Izenzi ozakhe ngokwala maxesha zisebenzise kwizivakalisi eziphuhlisa intsingiselo yazo. Cwangcwisa ngolu hlobo:

| Ixesha | Isenzi | Isivakalisi |
|---|---|---|
| Elidlulileyo | | |
| Elangoku | | |

(4)

3.1.3 Kwakhona kumhlathi wokuqala nakwisivakalisi sokugqibela, kukhona izilabalabi nezifezekisi zazo. Nceda uzichonge uzibhale phantsi zibe zibini kuphela.

| Isilabalabi | Isifezekisi |
|---|---|
| (i) | |
| (ii) | |

(4)

3.1.4 Khetha imo/imeko yezihlando zibe zithathu apho kuthe kwashiywa khona iceba, uxele nonobangela wokushiywa kweceba elo. Oku kwenze kumhlathi wokuqala kuphela, ungagqitheli kumhlathi wesibini. Cwangcwisa ngolu hlobo:

| Ukushiywa kweceba | Unobangela |
|---|---|
| | |

(6)

**UMBUZO 4**

4.1 Yonyula amaqhalo amabini kwesi sicatshulwa uze wandule ukuwasebenzisa enje ngoko anjalo kwizivakalisi eziphuhlisa intsingiselo yawo. Bhala ngolu hlobo:

| Iqhalo | Isivakalisi |
|---|---|
| | |

(4)

4.2 Sinye qwaba isifanekisozwi kwesi sicatshulwa. Sikhethe uze usisebenzise kwisivakalisi sakho esiphuhlisa intsingiselo yaso. Phendula kanje:

| Isifanekisozwi | Isivakalisi |
|---|---|
| | |

(2)

**UMBUZO 5**

5.1 Kumhlathi wokugqibela kukho la magama

- Mntwana
- Umfazi

Nceda ke sebenzisa izimaphambili zala mahlelo alandelayo wakhe izibizo, ukubonisa ukuba intsingiselo iyakwazi ukuguquka. Cwangcwisa ngolu hlobo:

| Igama | Ihlelo | Isibizo |
|---|---|---|
| Mntwana | 7, 14 | |
| Umfazi | 1, 7, 14 | |

(4)

5.1.1 Izibizo ezine ozakhe ngokwamahlelo, zisebenzise kwizivakalisi eziphuhlisa intsingiselo yazo. (4)

5.2 Kwakulo mhlathi wokugqibela yonyula izibanjalo zibe zibini , uze uzisebenzise kwizivakalisi ezingezizo ezikwisicatshulwa. Cwangcwisa ngolu hlobo:

| **Isibanjalo** | **Isivakalisi** |
|---|---|
| | |

(4)

5.3 Okokugqibela khetha izimelabizo zibe zibini kwezi ndidi:

– Esinye kwisimelabizo soqobo kumntu wokuqala.
– Esinye kwisimelabizo soquko (4)

**(40)**

**UMBUZO 6**

6.1 Kulo mbuzo kukho amagama apelwe gwenxa, amanye abhalwe ngolwimi olungamkelekanga esiXhoseni nangendlela engeyiyo. Wachonge uwabhale ngendlela eyiyo.

| |
|---|
| Ndifike ndanqonqoza emnyangweni. Ndabona ngemehlo likaLizo ukuba kukho okungalunganga okuqhubekayo. Wayephethe umbona ngehlanza emtya, kanti uwubile. Ufunyaniswe enecala uLizo, waba ngacela ucolo akahoywa. Wasiwa kwasibonda ngumnikazikazi wensimi. Wayelusizi ngoku unkabi elunywa nasisisu ezibhija-bhija nyayona ndlela. |

(10)

6.2 Apha lungisa iziphene ngokuthi ufakele zonke iindidi zeziphumlisi apho kuyimfuneko khona.

| |
|---|
| ngeli xesha kwakuse kuthe wayiwayi abamelwane bakamzamo beze kubona ezi ndwendwe kambe ke bencwase nezinto eziwayo ilala lalise liphoswe entloko ngamatolo kwabonakala ke ukuba umninimzi makabuye aqhwethe umfazi baye endlwini wavela emnyango umzamo wakhwaza abafana ababini baphuma bephethe iintshulantshula ezintathu bazibeka phambi kwebandla wathabatha phantsi umninimzi ukulandula |

20÷2= (10)

**(20)**

**AMANQAKU ECANDELO C: [60]**

**AMANQAKU EWONKE: 100**

**ISIPHELO**